

Mr AS Simelane | Chairperson of Council  
Private Bag x3015 | Randburg 2125, South Africa  
Tel: +27 12 429 2554 (Secretary of Council) | Email:  
[sakhis@unisa.ac.za](mailto:sakhis@unisa.ac.za)  
[www.unisa.ac.za](http://www.unisa.ac.za)

---

**UMNU. S SIMELANE, UMGCINISIHLALO**

**WEBHUNGA LEYUNIVESITHI YOMZANTSİ AFRIKA**

**UMYALEZO WOKUBHIYOZELA**

**UMNYAKA WE-145 I-UNISA YASEKWAYO**

**ZK MATTHEWS GREAT HALL, MUCKLENEUK CAMPUS**

**4 JULAYI 2018**

**MHLALI-NGAPHAMBILI**

**IYUNIVESITHI YOMZANTSİ  
AFRIKA**

**UMYALEZO WOKUBHIYOZA**

**UMGUBHO WOKUBHIYOZELA UMNYAKA  
WE-145**

**ZK MATTHEWS GREAT HALL, MUCKLENEUK CAMPUS**

**4 JULAYI 2018**

**Iyunivesithi yaseAfrika ebumba ikamva ngenkonzo eyinikela  
eluntwini**  
**The African University shaping futures in the service of humanity**

Ndibonge kuMphathi –nkqubo,  
lindwendwe ezibekileyo,  
amanene namanenekazi

Kungamaxesha anje ngala, kwimicimbi eloluhlobo, xa iziko lemfundo lidibanisa iminyaka eli -145 lasekwa, ekuthi thina esiyinxalenye yalo sizingce kakhulu kuba enyanisweni silawula umakhwekhwethe weziko elihloliveyo nombutho ochubekileyo ongumthombo wolwazi ophilayo ophefumlayo, obumba ikamva elinikezela inkonzo eluntwini. Ngokwenene sisenco esithobekileyo kodwa kwangaxeshanye ngamava ahlaziyayo okuba yinxalenye yokugubha olu suku, umnyaka we-145 yasekwa i-Unisa.

Lo mgubho womnyaka we-145 ubaluleke nangakumbi kuba ungqamene nolona suku lubalulekileyo kwimbali yoluntu, umhla wokuzalwa kukaNelson Mandela; osisithwalandwe seli ziko. Ekuhlonipheni ubomi nelifa athe wasishiya nalo uMadiba xa sijonga imvelaphi yethu apha eMzantsi Afrika nakwilizwekazi laseAfrika sifuna ukubhiyozela iminyaka eyi-145 ngokuthi sivuselele umyalezo woSuku lukaNelson Mandela (weNelson Mandela Day), othi nokuba mincinane kangakanani imizamo yakho, bhiyoza

ngokuthi okwenzayo kube kokuzokwenza ilizwe libe indawo elungileyo, njengoko uMandela wayesenza ntsuku zonke.

Andithandabuzi engqondweni yam ukuba lo mgama weminyaka eli-145 ewugubhayo namhlanje i-Unisa usisibonakaliso sesiqalo, ukulingwa, amahlandinyuka (imbandezelo), impumelelo nokuzinza.

I-Unisa yinxalenye yolu hambo olude olujolise ekufezekiseni injongo yeyunivesithi ngokubanzi. Mandincome ukuba iiyunivesithi ziyingxalenye yamaziko abalulekileyo akhiwe ngabantu nezisoloko ziphantsi kweliso elibukhali, ejijongene nokugxekwa nangona kungekho namnye owakhe wanqwenela ukuba angabikho la maziko. Iiyunivesithi, njengawo onke amaziko abalulekileyo enziwe ngabantu asoloko esemngciphekweni wokuxhatshwaza/ okubangwa zizinto ezininzi kususela kubatyali-mali kuquka nditsho norhulumente. Abantu nabafundi nabo bafuna ukuzixhwihela kwiyyunivesithi.

Yiloo nto ke , iyunivesithi kumele ukuba iphendule kwiimfuno ezahlukenyoy zabantu abayinxalenye yayo, kodwa kunjalo kufuneka ikubalekele ukuba nguvumazonke okwephepha liphetshulwa ngumoya.

Kukho amaxesha apho iiyunivesithi kufuneka zikhokele kwiingxoxo ezibonisa ukunganeliseki kwabantu okubangelwa kukufumaneka kolwazi

olutsha olungaqhelekanga ngenxa yophando olunzulu olukumanqanaba aphezulu, ngaxeshanye zihlale zithembekile kubalandeli abahlukeneyo.

Yiloo nto ke eyenze i-Unisa izibophelele ekufezekiseni iimfuno zabantu ngokuvula amasango eziko lemfundo ephakamileyo, esithi namhlanje liziko lokufunda bucala emoyeni (ODel). Kwabo umbuso wocalucalulo wababona beyingozi, bengamavukela-mbuso, baze bavalelwya kumaziko adumileyo njengesiqithi, iRobben Island- i-Unisa yababona yabamkela ukuba babe ngabafundi yabathatha njengabantu yabanika ulwazi nemfundu ababeyinxanelwe. Masivuyisane neUnisa ngomsebenzi wayo oncomekayo. Sizimisele ukuqhubeka sinenkathalo, sisabela kwimiba yoluntu sikwanika nenkonzo nokuba luncedo eluntwini.

Ngokwenene i-Unisa yiyunivesithi enku lu eziqhayisa ngokuba likhaya kubafundi abangaphezulu kuma-350 000.

Siyazingca ngokuba ngumdlali ophambili ekukhuliseni iindlela zokufikeleleka kubafundi abaninzi. Sanelisekile kukukhula esithe sakubona ngokweendawo abavela kuzo abafundi. Siqhubeka sitsala inani elikhulayo labafundi abaphuma kwizikolo zamazinga aphakamileyo, befuna iziko lemfundo efikelelekayo yaseyunivesithi.

Ukongeza sibone ukunyuka kumanani abafundi abangasebenzi abafuna amathuba emfundu engcono. Le meko ivula indlela yokuba iUnisa norhulumente banike ingqalelo kwimicelimngeni eza nayo.

NjengeBhunga, elisebenzisana neSenate kunye nabaphathi beUnisa, sizimisele ukwenza eli ziko likhulu lemfundo ephakamileyo liphile kwaye liphile kakuhle xa linikezela ngomsebenzi eluwunikiweyo.

Syazinikela ukuqinisekisa ukuba:

- Izifundo zikwizinga eliphezulu nelifanelekileyo.
- Abafundi bethu bafumana eyona nkonzonkelelo enikezelwa ngamava kwaye bayaziqhayisa ngokukodwa ukuba seUnisa.
- Sihamba namaxesha nokumana sizigxeka ngokwethu ukwenzela iinguqulelo, uqalo lwezinto ezintsha, ukuvuleleka ekufuneni iindlela ezintsha zolwazi, intsingiselo zamagama amatsha neendlela zokuqonda izinto ezintsha zolawulo namagunya.

Mphathiswa manditsho ukuba apha e-Unisa imicelimngeni eyingxubakaxaka kwicandelo lemfundo ephakamileyo eMzantsi Afrika, siyithatha ngondiliseko kodwa hayi ngendlela yokude sithobe isidima Nakanye, siyithatha njengocelomngeni esithi sahluelwe ngayo ekufumaneni ukuba singaggobhoza kulo siluthathe njengethuba lokugqiba ngezinto ezintsha nokulujonga ngamanye amehlo iziko lethu elihle kakhulu.

Siliziko elizinikele ukuba sibe ngamaAfrika ngokunyanisekileyo ngokuziphatha ngaxeshanye sikukhuphiswano nezinye iiyunivesithi emhlabeni jikelele. Kusenokwenzeka ukuba sibe liziko lokuqala lemfundo

ephakamileyo apha e-Mzantsi Afrika elingazange libe nedyudyu lokuvuka kukamazilawule nokuzimela nokwahlulelwa ngobuzwe iAfrika.

Yiyo loo nto sizingca ukuba likhaya elohlukileyo kwi *Annual Decoloniality Summer School* engaphambili kombutho *weRhodes Rhodes Must Fall and Fees Must Fall* — kuba imibuzo yokungaphathwa kakuhle besisoloko sizixakekise ngayo.

Ngowama- 2016, iUnisa yaqalisa ngenkqubo yeenguqu eyaphelela kuqequesho IweBhunga ngoAgasti 2017 eyayifake bonke abathathi-nxaxheba baseUnisa. linguqu zikwizinga eliphezulu kwiinkqubo zethu.

Senze isicwangciso esibonisa ukukhalipha, ukuzimisela, ukuzithemba ekujonganeni nemicelimngeni yexesha elidlulileyo ebelintyumpantyumpeka kwiingxaki nekamva elimfiba.

Ngokwenza konke oku sikhuthazwa somelezwe kukwazi ukuba *i-Pan-African research centre* namanye amaziko ayaxhasa ukuphumeza ubuchule, izicwangcwiso neopolisi iUnisa ezisebenzisayo.

Akukho mathandabuzo okuba xa sinokusebenza ngamxhelomnye siqhubekisa phambili iminqweno efanayo njengosapho IweUnisa ukuphakamisa ulwazi nokuphucula inkonzo esiyinikela kubafundi, akukho nto inokuba ngumqobo endleleni yethu.

Umbhiyozo womgubho wonyaka we-145 uya kusinika ithuba lokusebenza ngokungenamkhinqi kwakhona ukuvuselela uthando Iwempucuko

olumelwe yiUnisa kwaye kule nkqubo sakwakha iyunivesithi eneziphumo ezisemagqabini, sigxininisa kwinkozo esiyinikelayo neziko elijolise ebantwini.

Mandiphinde ndithabathe eli thuba kwakhona ukwazisa abaphathi abangaphambili beli ziko (amalungu eBhunga, lingqonyela namaSekela-Ngqonyela) kwakunye nabaphathi abaphethe ngokwenza umsebenzi omhle kangaka.

Isixokelewano neenkqubo akunakuba zakhiwa ngokuphazima kweliso.

Mandiquumbele ngokuphinda amazwi eSekela-Ngqonyela xa ibivila ngokusemthethweni kulo nyaka wezifundo wama-2018 ngoFebruwari apha laqinisekisa ukuba unyaka wama-2018 ngunyaka wokuzalisekisa izicwangciso neepolisi. Ngokuqinisekileyo ndiyangqinelana naye ngokwenene. Egameni lama "Unisa" nabathathi nxaxheba bonke abakhoyo apha hlanganyelani nam ekubhiyozeleni i-Unisa ifikelela kumnyaka we-145 ikho!

Enkosi